



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2011

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha angama-23.

ICANDELO A: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli****UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****IDOMPASI – N Gcali****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kwistanza soku-1

- Imbongi yazisa idompasi njengencwadana ethi incinci injalo ibe iqulethe lukhulu ngomntu. Ukuqaqambisa obu buncinane bale ncwadi imbongi ibuchaze ngezichazi 'encinane ... edelekileyo'. Iqulethe okuninzi ngomntu le ncwadana.
- Imbongi ibalula igama nedilesi; ubuhlanga nelizwe; umsebenzi nomqeshi womntu; aqwele ngesitampu esibonisa imfanelo yomntu kungenjalo sakuba gwenxa okanye singabikho avalelwe.

Kwistanza sesi-2

- Imbongi ibonisa ifuthe lokungcungcutheka elize nedompasi kwintlalo, kwimpilo nakubomi babantu. Oku kugqanyiswa ngamagama asetyenziswe kwimiqolo 6–10 atolika ukutshabalala kwento kungabikho themba lokuba iya kubuya ilunge. Mve xa esithi, Impilo ... uyigqibile,
Ubomi ... ubuthathile,
Imizimba ... uyingxwelerhile,
Imizi ... uyichithile ...
- Uphinda-phinda igama 'yabaninzi' kule migca mine ukwakha isingqisho, iqaqambisa ukohluthwa kobunini-zinto emntwini. Impatho-mbi yokutshutshiswa komntu iyibonisa imbongi kwimiqolo 12–14, ngolandelelwano lwezenzeko olubonisa ukuba ekugqibeleni umntu uphela elishiya engathandanga ikhaya lakhe ngenxa yedompasi.
'ubethiwe ... ubanjiwe ...
Waswela ... walamba ...
Wabhaca ... watshipha ...'

Kwistanza sesi-3

- Imbongi isebenzisa ulwimi lwesiBhulu ngenjongo yokusikrobisa ukuba ngamaBhulu asemva kwale ntshutshiso yedompasi; ze ithi xa ibuyela esiXhoseni kucace ukuba ngabamnyama abatshutshiswayo.
'Kom hierso Jan,
Waar is jou pas?
Gaan in,Gaan in man.'

- Akulandula ukungabikho kwedompasi, ubethwa ngempama namanqindi akhatywe nangesihlangu. Ukukhawuleza kokwenzeka kwezi zenzeko imbongi ikubonisa ngezifanekiso-zwi: 'qhwa ...; xhimfi ...; ngqu ...' Emva koko uphoswa evenini yamapolisa.

Kwistanza sesi-4

- Imbongi kwesi stanza ivula ngesifanadumo 'Vum-vum-vu-uuum' esibonisa ukugquma kweveni yamapolisa okoyikisayo, indyondyela ukuthwala abantu ababanjwe bengenazo iidompasi njengezaphuli-mthetho iye kubabeka ejele. Oku kwenzeka kumaphondo nakumaphandle afana nooNatal, Freyistata, Ciskei neTranskei.

Kwistanza sesi-5

Imbongi iyawutshintsha umoya wombongo ngemiqolo 28–29 ibonisa ukuba le meko yedompasi iyafa ngokubhengezwa komthetho obulala idompasi. Uphinda-phindo olukwimiqolo 30–31 lwegama 'namhlanje' luqaqambisa ukutshintsha kwezinto, nokugxothwa konxunguphalo ebantwini kushiyeke ulonwabo. Oku kuboniswa ngokusetyenziswa kwezifanokuthi zegama 'ulonwabo'. Ubukho be-ID. endaweni yedompasi kubuyisele ixabiso nesidima somntu omnyama.

[10]

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza

- 2.1 Yisonethi.√ (1)
- 2.2 Imigca ili-14√/kukho isestethi neokhthevu√/imigca emibini yokugqibela iba nemvano-siphelo√/ umbongo wohlulwa ngeekhwathreyini ezintathu, ze imigca emibini yokugqibela ibizwa ngokuba yikhaplethi.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 2.3 Ndiniphakele.√ (1)
- 2.4 ... abanesimo nesimilo.√ (1)
- 2.5 Imfano-zandi.√ (1)
- 2.6 A√/mabancekelele√/A. mabancekelele√.
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 2.7 Igxininisa ukubaluleka kokuphathisana nokuncekelelana omnye komnye.√/ ukunyamezelana√ / intsebenziswano√ / ukubambana/ ukubambisana√/ ukuxhasana √/ uvelwano√/ . (1)
- 2.8 Uphantsi √/ inxunguphele√ / ukukhathazeka.√ ayonwabanga/ umoya (1)
ubuhlungu/ iyacenga/ inxunguphele

- 2.9 Uxhobisa abantu ngezithako zokuphumelela ebomini.√√ (2)
(Nayiphina impendulo yomfundi echanekileyo iya kwamkeleka).

[10]**OKANYE****UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa**

- 3.1 NguMqhagi√ / yinkunzi yenkukhu√ / yinkunzi yetyiphu.√ (1)
- 3.2 Lasekuseni√ / kuxa kuqhekeka ukusa / ekuzeni kusa/ xa kumpondo zankomo/
xa kuphuma ikhwezi√ / xa kwahlukana ubusuku nemini/ xa kusayo√ / xa kuthi
qheke ukusa kodwa kusemnyama√ (1)
- 3.3 Sisimntwiso√, siphuhlisa ubukhwele balo mqhagi xa izikhukukazi zihamba
nomnye umqhagana.√ Ukuqhwya komqhagi ukhusela izikhukukazi√/
umqhagi unomona xa kukho omnye umqhagi oncwase isikhukukazi√ /
umqhagi awufuni ukubona omnye umqhagi uhamba nesikhukukazi.√ (2)
- 3.4 Ngukhetshe.√ (1)
- 3.5 Uzigwagwisa√/usakha amaxhaka√/udlisela ngobungangamsha /
imiqolo 14-16.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 3.6 Zizinto eziphuma emilenzeni yenkukhu ezibonakalisa ubudala√ / ithambo
elibuphondorha eliphuma emilenzeni yomqhagi.√ (1)
- 3.7 Kungokuba uxela amaxesha√ / ukuvusa abantu ekuseni uyakhonya
ukhumbuza abantu ngamaxesha osuku.√ (1)
- 3.8 Kubongwa umqhagi okhumbuza abantu ngokubaluleka nokuxabiseka
kwexesha√√
(Nayiphi impendulo yomfundi echanekileyo yamkelekile.) (2)

[10]**OKANYE**

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**BUBOMI OBO – SSM Mema**

- 4.1 Emarhewini aluhlaza✓ / ...kuphephezela impepho✓ / kuloo ndebe ilephuzayo yobomi / ... kunkcenkecz' amanz' acwengileyo/ ...kubuyokoyoko bemingcunub' emigungqo. ✓ (1)
- 4.2 Yinyani.✓ (1)
- 4.3 La manzi aphelisa unxano emphefumlweni nasengqondweni/ la manzi onelisa umphefumlo nengqondo.✓✓ / asusa uxinzelelo lomzimba nolwengqondo uzive ukhululekile.✓✓/ anika imvakalelo yokwaneliseka.✓✓ / anika impolo nobumnandi ngokomzimba nasengqondweni✓✓ / asusa ubumnyama bengqondo nokudakumba komzimba.✓✓
- (Nayiphi impendulo echanekileyo yomfundi yamkelekile) (2)
- 4.4 Luphuhlisa ukuba kuyo yonke indawo kumyoli✓✓ / luphuhlisa ulonwabo olugqibeleleyo✓✓ / utsho wonwabe umphefumlo nenkangeleko yobuso icace✓✓ / ukungabikho kwengxaki ngaphandle nangaphakathi.✓✓ (2)
- 4.5 A✓/sisifaniso✓/A. sisifaniso.✓
- (Nayiphi na kwezi.) (1)
- 4.6 Ihamba le ndlela ifike kurhex'olurhabaxa.✓ (1)
- 4.7 Umyalezo wokuba ubomi buyatshintsha-tshintsha okanye buyajika-jika .✓✓ (2)

[10]**KUNYE**

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**INGOMA – V Mtamzeli****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kwistanza soku-1

- Kulo mbongo imbongi ithetha kakhulu ngefuthe lengoma kumntu ngamnye nakuluntu jikelele. Isebenzise isikweko, 'Sisidlo sazwiindlebe' xa izeza ukuba omnye wemisebenzi yengoma kukunika iindlebe ukutya kwazo.
- Ngesikweko 'sisidlo' isinika umfanekiso- ntekelelo wento etyiwayo ukuphuhlisa ukuba ngenene ingoma kukutya kweendlebe.
- Ngamazwi athi, 'Luyolo lomphfumlo, Yimbangi yobushushu, Luchwayitiso ntliziyo'. Imbongi iphuhlisa ukuba ingoma idala ubumnandi, ukuvuseleleka nokukhululeka emoyeni womntu oyiphulaphuleyo. Izithetha-ntonye, 'luyolo no-luchwayitiso' ziphuhlisa ulonwabo oluthi luvakale emntwini omamele ingoma.
- Xa imbongi isithi, 'Yomelez'abatyhwyathi' ithetha ukuba ingoma inika amandla nokuzithemba kwabo baziva benengwatyu. Oko kukuthi ingoma idlala indima yokonwabisa nokuba ithi yakuvunywa ngesidima nesithozela kuvakale kunga kuyasika emazantsi esisu.

Kwistanza sesi-2

- 'Lidangatye kumphefumlo' isikweko esiphuhlisa indlela ingoma ethi ivuselele ngayo amathemba abe setshabalele. Imbongi ithi, 'Kwiindlela zotyhulubo, iingxaki ziphela nya', oko ikubethelela ngokusebenzisa isifanekisozwi u 'nya' ukubonakalisa ukuba iingxaki athi ahlangeane nazo umntu kwiimeko ngeemeko ziyaphela tu ngokuthi uphulaphule ingoma.
- Yiva imbongi xa ithi, 'Kwinkumbulw'ezikude, kumazw'amaphupha', ingoma ikwenza ukhumbule kude de uzibone ukwilizwe elikude ongazange uye nobusoloko unqwenela ukuya kulo.
- 'Kusiphuke zinwele kumzimb'ontlontl'iintolo', kulo mqolo imbongi ibabaza iintshukumo novakalelo oluthi lwenziwe yingoma esika umxhelo emzimbeni womntu.

Kwistanza sesi-3

- Ingoma ikwavuselela ubuthandazwe ebantwini de umntu azive enokumelana naluphi na utshaba olunokuphazamisa ucwangco kwisizwe sakhe.
- Kwizisusa zakwaNtu ingoma izala iindidi ngeendidi zabantu abaneziphiwo ezahluka-hlukeneyo ezizezi: amaciko, iimbongi, amayolisa kunye neentyulubi. Oko kukuthi kuvela abantu abaneziphiwo zokuthetha nokudlalis'amalungu omzimba.

Kwistanza sesi-4

- Umbhali uyiveza ingoma njengento ebhidisayo kuba ifumaneka kuzo zonke iindawo ezinabantu ngamaxesha onke, oko kuthi xa kumnandi naxa kukubi.
- Ingoma iyafumaneka xa kuyimini yokuzalwa komntwana, kubhujiwe, konwatywe naxa kukho intlungu kungonwatywanga.
- 'Ngumbaseli-ntliziyo', imbongi iyabethelela ukuba ithi yakutsho kamnandi ingoma ibangele ukufudumala nobushushu entliziyweni yalowo uyithandayo.
- 'Unik'ithemba kwabaze', kulo mqolo imbongi isebenzise isimntwiso ukuphuhlisa ukuba omnye wemisebenzi yengoma kukunika ithemba kwabo sele bebona kuphelile ngabo nakwabo bazibona beziimpula zikaLujaca okanye imipha echutywe yalahlwa.

[10]**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)****INGOMA – IV Mtanzeli**

- 6.1 C√/Iyonwabisa√/C. Iyonwabisa.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 6.2 Yomelez'abatyhwatyhwi / umqolo woku 1- ukuya kumqolo-4.√ (1)
- 6.3 Ingcinga yokuba ingoma esika umxhelo yenza ubushushu okanye ukuvuseleleka emntwini√ / iyavuselela xa udakumbile√ / ukugquba okungaphaya komoya wolonwabo√ / ukonwabisa ngendlela emangalisayo√ / ichukumisa iinkumbulo.√ / yenza ulonwabo olugqibeleleyo.√ (1)
- 6.4 Kuthethwa ukuba ziphela tu√/ziphela zonke. √/ Kuthethwa ukuba ziyalityalwa zonke iingxaki.√/ amandla engoma ayazicima iintsizi neengxaki zibaleke zingabikho√/ zithi shwaka.√ (1)
(Nayiphi na kwezi.)
- 6.5 Amaciko√/iimbongi√/amayolisa√/iintyulubi √/ iinkxentsi.√
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 6.6 Kukuba ingoma ifumaneka kuzo zonke iindawo neemeko zobomi ngamaxesha onke.√ (1)
- 6.7 Sisimntwiso√/ isihlonipho√ / unxulumaniso.√ (1)
- 6.8 Ngumbongo√ kuba kwimibongo kubongwa nangantoni ekhoyo kwintlalo yethu, ingoma ke yenye yazo √/ akukho sikhahlelo ukuvula okanye ukuvala√/ izitanza ziqingqekile. √ (2)

6.9 Ngumbongo ochazayo✓/ ngumbongo nkcazo.✓

(1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Akazange alilahle ithemba ngalo lonke elo xesha kuba wathi akufika eBhayi wazama ukuzikhwebula kubahlobo.
- Wafuna umsebenzi waphangela, kwimizamo yokufumana lo msebenzi wasebenzisa ubukrelekrele bakhe kuba wabhala ileta yokucela umsebenzi ejonge ukuyisa ngokwakhe emlungwini ngethemba lokuzibonakalisa ngokwakhe. Wawufumana umsebenzi kuba wayeqhutywa lithemba.
- Ithuba awalinikwa yimiguvela eyayiza kumbulala lokuba athethe noThixo wakhe phambi kokuba afe akazange adlale ngalo. Wamthandaza uThixo ngenene nenyano emthembisa ngokubonga igama Lakhe ngalo lonke ixesha xa enokumsindisa kumakhamandela awayekuwo.
- Inkolo nethemba kuThixo lamsindisa kwabo tsotsi kuba kwathi gqi umqokozo wamapolisa xa besendleleni eya kwelo chibi babeza kumphosa kulo.
- Indlela uThole awayecinga nawayesenza ngayo izinto yayiyeyomntu onethemba nonento aqamele ngayo.
- UThole wasinda kwiingonyama ezaqwenga abahlobo bakhe ngenxa yethemba. Wasinda kweezo ngonyama enamakhubalo akhe, iBhayibhile, neencwadi ezimbini awazinikwa nguThozama.
- Kungenxa yokuthembela kwinto angayiboniyo okwamnika isibindi. UThixo wabazali bakhe umsindise emaphupheni. Waphupha exhwilwa emlonyeni weegonyama ngumfo onomnqwazi onameva.
- Limqhubile eli themba elambile wahamba kwanti emva kokusinda ezingonyameni ehamba ngethemba lokuba uya kude afike emizini.
- Akazange alilahle ithemba lokuphila nokuphumelela akugaxeleka kwilizwe lasemzini apho angazi kwamntu.
- Ingqondo kaThole ekrelekrele yamnika ithemba lokuba angaphila ubomi obungcono ngenxa yethole elalilahlekile. Kwathi kanti lelona khubalo limncede ukuba aphile intlalo engcono eKnysna.

- Amaphupha amabi ayengamonwabisi nangona wayengaswele nto eKnysna. Wazincama waphumela emaphandleni ngethemba lokuba angabona izinto ezinokumenza alibale ngamaphupha.
- Wathi akubethwa lilizwe uThole akalilahla ithemba lokuba ngenye imini uya kuze aphumelele. Ekubuyeni kwakhe eKnysna uyise wayefuna ukuba azeke, esithi ithemba lakhe kuThole ngokwasemfundweni liwile.
- UThole akazange avume. Wamomeleza uyise esithi makangalahli themba uza kubuyela esikolweni kuba sele esifumene nesikolo, kwaye imfundo ayikhulelwa.
- Wafunda waphumelela uThole wazibalula kakhulu ngobukrelekrele, ngokushumayela nangokuxoxa. Wasabela ubizo lobufundisi, wangumfundisi ophume izandla.
- Zange adlalise ngamathuba wazibalula ezifundweni, emidlalweni nakwiingxoxo-mpikiswano. Ikwalthemba elamtyhalela ukuba asabele ubizo lobufundisi.
- Akazange alilahle nethemba lokuba ngenye imini useza kumbona oyena yise umzalayo. Wadibana noyise emva kwentshumayelo eyayingethemba awayeyenza eGeorge Goch.
- IGeorge Goch yayiyilokishi edume kakubi ngotywala, ubugebenga, ukuwisa abefundisi nangokungafuni kukhonza. Abefundisi abaninzi babengafuni kuzinikela kuyo. Inkonzo yamaWesile eyayilapho, iSpesBona yayisele incanyiwe, kwakungekho nendlu yecawa khona, uMangaliso wazinikela kuyo akalahlala themba kubantu baseGeorge Goch.
- Waguqula intlaninge yabantu baloo lokishi, wakha nendlu yecawa khona. Wabuguqula ubomi babahlali kuba wayemthembile uThixo wakhe ekhokelisa yena kwinto yonke ayenzayo.

[25]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

- 8.1 NguMangaliso✓/NguThole✓/Tholelegqwirha✓/Zanenkanyamba✓/
Chasabelungu✓ / Bhungalipheli✓ / Themba.✓
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 8.2 Bubomi obabungamyolelanga kwelo laseBhayi✓/ wasinda ekugetyengweni
nguJoe neqela lakhe.✓ (1)
- 8.3 Yapheliswa ngamafutha.✓ (1)
- 8.4 Ngamaphupha amabi emihla ngemihla awayeba nawo✓/liphupha lendoda
enomnqwazi onameva✓/liphupha elingabazali bakhe.✓

- (Nayiphi na kwezi.) (1)
- 8.5 Wayesoyika ukuba uza kukrotyelwa ukuba akalilo igqirha.√√ (2)
- 8.6 Kukuba wawunengxaki yokulahlekelwa linkonyana.√
UThole yena wathi wabanika ithemba lokuba inkonyana liza kufumaneka.√ (2)
- 8.7 Wafikelela kwisigqibo sokuba agoduke.√ (1)
- 8.8 Wayithengisa imfuyo√ waze imali wayigcinela ukuba aye ngayo esikolweni.√ (2)
- 8.9 Waxhelelwa eyona ityetyisiweyo inkabi yenkomo, wabiza abantu ukuba baze kuvuyisana naye.√√/Kwenziwa isibhadlalala semvuselelo, ashumayela amadodana eemvaba ngeemvaba.√√ (2)
- 8.10 Kwakuhlangatyezwe uMangaliso evela phesheya kweelwandle.√ (2)
- 8.11 Babesiya kwiholo yaseWesile ese-Albert street.√ (1)
- 8.12 Abanye bangxwelerheka, abanye babhubha.√√ (2)
- 8.13 NguMfundisi uMaqoma√/nguMfundisi uShepherd.√
- (Nayiphi na kwezi.) (1)
- 8.14 Ngabo ababemxhasa bemnqwanqwadela kubizo lobufundisi √√/
bangoonzala ngokomoya√√/ ngokwasemoyeni√√/ ngokwezakwalizwi /
ngokwasesikolweni. √√ (2)
- 8.15 Ziindaba ezazisasazwe koonomathotholo nakumaphephandaba ngaye.√/
Babefuna ukubona lo mfundisi usematheni√ / ungun-daba-mlonyeni
koonomathotholo nakumaphepha-ndaba. √
- (Nayiphi na kwezi.) (1)
- 8.16 Wayebaloba ngokukhalisa ikhodiyaneyane.√/Wayesenza iimvuselelo.√/
Wayebaloba ngeentshumayelo zakhe ezinamandla.√ (1)
- 8.17 Kukuba uyise wayeyokuphangela eRhawutini akabuya.√
Kukuba weza kuhlala nomama wakhe kwaFikizolo esemncinci.√ (2)

[25]**OKANYE**

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- limeko zasekuhlaleni zamenza uMfazwe wabuncama ubomi bakhe ukuze kuphile isizwe.
- EBholo kwaQaka intlupheko nengcinezelo yayibhalwe ebusweni babahlali bakhona yaye iyindawo ekwakugquba kuyo uqhushululu.
- Ukuzalelwa endlaleni ufele endlaleni, yinto ulutsha olwaluzimisele ukuyilwa ngalo lonke ixesha xa ithuba lifumaneka.
- UMfazwe nanjengomnye wababefundile phantsi kwemeko yocalu-calulo wenza umzamo wokuba abantwana besikolo babe nolwazi lokuba amalungelo abo aqala phi aphele phi.
- Lo mbono novakalelo loluntu lwamqhubela ekubeni afundise abantwana besikolo ngamalungelo, ahamba neentlanganiso zopolitiko. Wayezimisele ukoyisa idabi lobumnyama elaligubungele uninzi lwabantu bakuQaka.
- Ngokuthabatha isigqibo soko wabubeka esichengeni ubomi bakhe. lititshala ezindala zazimlunkisa ngokufundisa ngala malungelo. Wayekwakhathazwa nayinto yokuba imbali yabaMnyama yayingacacanga kwimbali ebhaliweyo yoMzantsi Afrika ngaphandle kwamabalana angooNongqawuse nemfazwe yezembe.
- Wamkela ukutyatyekwa ngokuba unyola umbuso esweni ebizwa ngokuba ulikomanisi.
- Isidima sakhe sobutitshala sarhuqwa phantsi. Wabethwa, waqalekiswa wathukwa entolongweni wandlandlathekiswa kwinqwelo yamapolisa evalwe ngengxowa enuka umchamo.
- Elapho kwisikhululo samapolisa ununuswa ngokuba abe yimpimpi ethenjiswa ngemali eninzi kunomvuzo wakhe. Wazilandula. Zonke ezi zenzo azimthezi mandla.
- Uzimisele yaye uwukhathalele umsebenzi wakhe, ukubona ukubanjwa kwakhe kukumchithela ixesha kumsebenzi wakhe wokufundisa. Ukuzinikela kwakhe ekuguquleni iimeko uncama uNokuzola amthanda kakhulu emyekela kuFriday ukuze akwazi ukuphumeza injongo yakhe.
- Ubeka ikhaya lakhe esichengeni sokuba litshiswe abazali bakhe babhace de kube sekufeni kwabo. Uyatyholwa ekwagxekwa ngokuba negalelo ekunqabeni kocwangco ekuhlaleni.

- Endaweni yokumthanda nokumxhasa uba lutshaba lwabantu abaninzi ngaphandle kweqaqobana elithile elaliyiqonda eyona nto eyayiqhubeka.
- Abafundi abanjengoSiphiwo omfutshane noSiphiwo omde, umzala wakhe uSiqithi babeyiqonda into eyayiqhubeka.
- Endleleni eya elubhacweni iimeko awadibana nazo zazinzima kakhulu.
- Wasebenzisa ubukrelekrele bokuphatha iinwele uMfazwe njengomfazi namacebo alusizi ukuze aphuncuke ekubanjweni.
- Ukubanjwa kwakhe ngakwinqwelo awayesinde kuyo eyatshayo kwenza wabonwa njengombulali.
- Izinto ezafunyanwa engxoweni njengemali eninzi, zamenza ukuba abizwe uJudas esonyeliswa ethukwa.
- Imfazwe awayilwayo yeyomphefumlo neyedigalo. Entlanganisweni ulwe nabantu basekuhlaleni ebethwa ethukwa njengempimpi, walwa namapolisa endleleni eya eMgazi.
- Zonke izenzo awazenzayo, wavisa abanye ubuhlungu, wazenza kuba efuna inkululeko, nkululeko leyo ethengwe ngexabiso eliphezulu legazi labamnyama. [25]

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- 10.1 Ayethethwa lisekela-mphathi√ endleleni eya eMgazi√ / Yinkumanda√ ehlathini eThongo. √ (2)
- 10.2 Angenelela ngezithuko nezenyeliso.√ (1)
- 10.3 Kucingelwa ukuba yimali ayifumene ngokubulala√√ Babekholelwa ukuba le mali kuthengwa ubomi babantu.√√ (2)
- 10.4 UJudas ungomnye wabangcatshi bakaYesu ejonge inzuzo; noMfazwe ubonwa ngamajoni engumngcatshi wabantu bakhe abamnyama athengisa ngabo ejonge inzuzo.√√/Banxulunyaniswa kukuba baziwa njengabangcatshi abajonge inzuzo bobabini.√√ (2)
- 10.5 Ubonakala ezolile engoyiki.√ (1)
- 10.6 Ngumfanekiso ngqondweni wenqindi elinamandla.√√ / umfanekiso ngqondweni womntu okwimo yokulwa eliphosa ngamandla inqindi. √√ (2)
- 10.7 Waqhutywa wasiwa kwinkampu yamavukela mbuso.√/ wabanjwa/ (1)

wenziwa ibanjwa. ✓

- 10.8 Umfanekiso womntu oxhamlekileyo✓✓/umfanekiso womntu onxaphileyo.✓✓ /
umfanekiso womntu odidizelayo ephelwa ngamandla. ✓✓ (2)
(Nayiphi na kwezi.)
- 10.9 Ungumntu osoloko ebandakanyeka kwizinto ezinomlo.✓✓ akazibandezi (2)
ahlangana nazo kodwa akaziqali. ✓✓
- 10.10 Kungenxa yokuba uKhonjwayo ukuze abe kule meko wayebethwe (1)
nguMfazwe.✓
- 10.11 Babengamthandi abaninzi✓/wayebizwa ngokuba yimpimpi✓/bambiza (1)
ngesiphako awayenaso emzimbeni besithi nguSiqhwala.✓
(Nayiphi na kwezi.)
- 10.12 Kukuba bamenza ikheswa bembaleka abantu✓/Kukuba bathi (1)
bayamoyika.✓ kukucinga ngabazali abangasekhoyo. ✓ Bamenza inkomo
edla yodwa.✓
(Nayiphi na kwezi.)
- 10.13 Lithetha umntu ongafunwayo ngabantu ahlala nabo.✓ (1)
- 10.14 Babesithi wayehleli ebonisa ukungaphili ngokwasengqondweni uKhonjwayo.✓ (1)
- 10.15 EBholo✓/kwaQaka.✓ (1)
(Nayiphi na kwezi)
- 10.16 Abantu abakufutshane naye babemxelela ngengozi ejoliswe (1)
kuye.✓/wayesebenzisa amafutha omzingeli.✓/Wayesebenzisa ingqiqo
yokuzikhusela.✓/wayesindiswa nazizinyanya zakokwabo.✓
(Nayiphi na kwezi.)
- 10.17 Kwabakho uthetha-thethwano phakathi kwabamnyama nabamhlophe.✓/ (1)
Abantwana bafunda kwizikolo zabamhlophe.✓/abamnyama bahlala kwiindawo
abazithandayo njengoko noMfazwe wayengummelwane wonyana kaMeva.✓/
ubuya sele eyijaji.✓
(Nayiphi na kwezi.)
- 10.18 Yinyani.✓ Wancama umsebenzi✓/wadela impilo yakhe, yabazali bakhe nabo (2)
naye.✓ / ulwe iimfazwe ezininzi kuba efuna inkululeko yesizwe sakhe. ✓ /
ushiya ikhaya wabhaca. ✓
Bubuxoki.✓ uMfazwe wanyanzelwa ziimeko ukuze angene kwiingxaki nemiceli (2)
mingeni ahambe kuyo. [25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA**UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)****AMAZA – ZS Qangule****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:****11.1 UNamhla**

- Uzotywe wangumlinganiswa ongenamqolo.
- Ubonakala engenambulelo.
- Akalihloniphi ikhaya lakhe.
- Uvela njengomlinganiswa okrwada.
- Unesimilo esikrazukileyo.
- Ungumntu ongazithandiyo nongazihloniphiyo
- Ngumntu onekratshi nolisela.
- Ungumntu ongawathobeliyo amasiko nongazihloniphiyo izinyanya.

11.2 UZodwa Zazile

- Wayengaziphathanga kakuhle.
- Ubonakalisa ukungathembeki nokuba liqili.
- Uvezwa engumfazi olixelegu ngokutsho kukaLizo.
- Uyakrexeza nto leyo engafanelekanga.

[25]**OKANYE****UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)****AMAZA – ZS Qangule**

- 12.1 Wayesemngcwabeni ✓/ Wayesemngcwabeni kwaNgxelelo✓/ Wayesemngcwabeni kaDuma✓ Wayesemngcwabeni wonyana kaNgxelelo.✓ (1)
- 12.2 NguNgxelelo✓ noMaNdaba.✓ (2)
- 12.3 Yincwadi yeBhanki.✓ / Likhadi lebhanka.✓ (1)
- 12.4 Yinyani.✓ (1)
- 12.5 Wayemsusa ukuba angabi ngumqobo kuthando lwabo noNamhla.✓✓ (2)
- 12.6 Babini.✓ (1)
- 12.7 B✓/abafundileyo✓/abafundileyo✓/B. abafundileyo.✓ (1)
- (Nayiphi na kwezi.) (1)

- 12.8 Wayefe kabuhlungu ngokudutyulwa entloko, ngoku ukhakhayi lwaluntleke-
ntleke.√√ (2)
- 12.9 Hayi, amagqobhoka ayesithi mayingavulwa kuba wayelimele kabuhlungu√;
amaqaba wona ayesithi mayivulwe abonwe ukuze kungathi kanti
yimpundulu.√ (2)
- 12.10 Licuba√/Yintonga√/Lutshongo√
(Nasiphi na isibini.) (2)
- 12.11 NguMfundisi uZazile.√ (1)
- 12.12 Ngobusuku awayebahlanganise emangcwabeni uSilumko.√/ Uzaze
emva kwentsimbi yeshumi elinambini emangcwabeni.√ (1)
- 12.13 Ngophando olwenziwa nguSilumko.√/ Ngophando olwenziwa
ngumcuphi.√/ Ngophando olwenziwayo.√ (1)
- 12.14 Yinkolo yobuKrestu.√ (1)
- 12.15 YiBhayibhile √ / umfundisi√/amaculo√/umthandazo weNkosi√/igama uThixo√
(Nayiphi na kwezi.) (1)
- 12.16 NguDuma.√ / Liwele likaSidima.√ (1)
- 12.17 WayeseSwazini.√ (1)
- 12.18 WayenoZodwa Zazile.√ / WayenoZodwa√ / Wayenomfazi kaLizo.√ (1)
- 12.19 Amchaphazela ngokuba waye wavela ukuba umbulali nguye.√√ (2)

[25]**OKANYE**

UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:****13.1 UMaqoma**

- Wayenothando nenkathalo.
- UMaqoma uthanda uxolo.
- Yayiyinkosi enenkathalo yesizwe esilawulayo.
- Wayenentlonipho yamasiko nezithethe.
- Wayenentlonipho kwimfundiso zikayise nenkolo yobuKrestu.
- Wayengeyonkosi ilawula ngegqudu.
- Wayengayithandi impalalo-gazi.
- Wayebonakalisa inzondo eyendeleyo kubenzi bobubi, nangona wayengazange abulale.
- UMaqoma wayekhohlelwa kwimpindezelo.
- Wayehlanelwa zezinye iinkosi.
- Wayesoyikwa ngabamhlophe.
- Akoyiki ngokoyikiswa.
- Unomqolo akangovumazonke.
- Ulikroti.
- Ulithandazwe.

13.2 USomerset

- USomerset wayekhohlakele ekwangumxabanisi.
- Wasebenzisa uFiliphu emthembisa isikhundla esiphezulu kumsebenzi wabo.
- Wayenenkolelo kubukhoboka.
- USomerset wajongela phantsi ulawulo lweenkosi.
- Ungumhanahanisi kwanesela.
- Ungumxabanisi.
- Akanavelwano ngobomi babamnyama, akabunanzanga nganto.
- Wayeyinyoka.
- Akanankathalo ngomnye umntu.
- Ungumntu onamayelenqe.

[25]**OKANYE**

UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

- 14.1 Wayeyinkosi.√ (1)
- 14.2 Ukukhusela umhlaba√/iinkolo√/intlalo√/isizwe sakhe.√/ Kungokuba impilo kayise uNgqika yophuka mhla wayedudulelwa kwimihlaba yaseTyhume. √ (1)
(Nayiphi na kwezi.)
- 14.3 "Ndiyakwazi ke wena ukuba awuphathwa manyeni ungasabeli".√ (1)
- 14.4 C√/onoxolo√/C. onoxolo.√ (1)
(Nayiphi na kwezi.)
- 14.5 'Khumbula kaloku mfondini ukuba lisanuka igazi kwezi ntlambo zasemaXhoseni.' √/ Nala madoda angandingqinela ukuba eminye imizi isaphulula izivubeko neenduma zala madabi ngenxa kaThuthula. √ (1)
- 14.6 NguKumkani uNgqika.√ (1)
- 14.7 UNgqika nguyise kaMaqoma√/UMaqoma ngunyana kaNgqika.√ (1)
(Nayiphi na kwezi.)
- 14.8 Babubuhle kakhulu kuba wayethandwa ngamaNgesi naye ewakhusela.√√ (2)
- 14.9 Impilo enkenenkene kayise bayisebenzisela ukuthatha umhlaba wabantu bakhe.√√/Ukusetyenziswa kwesizwe sakhe ukuze sivukelane sodwa.√√/ Ukubhunyulwa komhlaba wabaNtsundu ngabaMhlophe.√√/Indlela yokuguqulwa kwabafazi nabantwana babe ngamagqobhoka√√/ Ukujongelwa phantsi kwezithethe namasiko abaNtsundu.√√ (2)
(Nayiphi na kwezi.)
- 14.10 NguSomerset√. USomerset noMaqoma babangisana ngomhlaba.√ / Kuba zakhe zazinobuqili bokufuna inzuzo kwisizwe sikaMaqoma phantsi kwephiko lokushunyayelwa kwevangeli. √ (2)
- 14.11 Akulunganga√, kuba umntu oziphindezelayo waphula umthetho okanye uthabathela umthetho ezandleni zakhe.√ (2)
Kulungile√, kuba umntu uza kumvisa le ntlungu akuvisa yona. √ (2)
- 14.12 'Nakanye! Ndazalelwa kanye oku ukuba ndizimele iimfuno zabantu bakowethu'.√√ (2)

- 14.13 Bubuxoki,√ simbona elugcwabevu ngumsindo kuba abefundisi bamaNgesi bezama ukuwadobelela amasiko nezithethe zakwaXhosa kuba bewabona njengobudenge nobuhedeni.√ (2)
- 14.14 NguFiliphu.√ (1)
- 14.15 Kukuthathwa komhlaba awayemi kuwo uMaqoma.√ USomerset wasebenzisa impilo kaNgqika enkenenkene ukukhupha uMaqoma kumhlaba wakhe. √ (1)
- 14.16
- | | | |
|---------|---------|---------------------------------------|
| 14.16.1 | UMaqoma | C√ / ETshokotshela√/C. ETshokotshela√ |
| 14.16.2 | UXhoxho | A√ / EMthocwa√/A. EMthocwa√ |
- (2)
- 14.17 Ungembali yesizwe samaXhosa√√/Ungentlalo yobuKrestu neyamaXhosa.√√/ Ungokubhunyulwa komhlaba nemfuyo yamaXhosa.√√/ Ungemigudu yamaqhawe amhlanene ekukhuseleni nasekukhuliseni ilizwe nobuzwe bamaXhosa. √√ (2)
- (Nayiphi na kwezi.) (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE ULWIMI LWASEKHAYA 10 AMANQAKU	ULWIMI Isakhiwo, uthungelwano nokunikezela. Ulwimi ithoni nesimbo ezisetyenzisiweyo kwisincoko	Kugqwesile Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.	Kuphakamile Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandeleka lula. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo sihle.	Kuphakathi Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.	Kuyanelisa Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.	Kuzamekile Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhala lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala.	Kunzima Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelo. Imihlathi ixazalala.	Akaphumelelanga Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Uwimi lufe amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. Ayikho imihlathi nothungelwano.
UMXHOLO Ukutolikwa kwesihloko. Ubunzulu bengxoxo, ukuzixhasa/ ukuzathuza nokunamathela kumxholo.		7 80–100%	6 70–79%	5 60–69%	4 50–59%	3 40–49%	2 30–39%	1 0–29%
Kugqwesile Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jeni nomhobe.	7 80–100%	8–10	7–7½	7–8				

<p>Kuphakamile</p> <p>Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu.</p>	<p>6 70–79%</p>	<p>7½–8½</p>	<p>7–8</p>	<p>6–7½</p>	<p>6–7</p>			
<p>Kuphakathi</p> <p>Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibelelelyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala.</p>	<p>5 60–69%</p>	<p>7–8</p>	<p>6½–7½</p>	<p>6–7</p>	<p>5½–6½</p>	<p>5–6</p>		
<p>Kuyanelisa</p> <p>Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri nomhobe.</p>	<p>4 50–59%</p>		<p>6–7</p>	<p>5½–6 ½</p>	<p>5–6</p>	<p>4½–5½</p>	<p>3–4</p>	

<p>Kuzamekile</p> <p>Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Inggqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri okanye umhobe.</p>	<p>3 40–49%</p>			<p>5–6</p>	<p>4½–5½</p>	<p>4–5</p>	<p>3½–4½</p>	<p>3–4</p>
<p>Kunzima</p> <p>Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa –phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/ nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri nomhobe.</p>	<p>2 30–39%</p>				<p>4–5</p>	<p>3½–4½</p>	<p>3–4</p>	<p>1–3½</p>
<p>Akaphumelelanga</p> <p>Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale jenri nomhobe.</p>	<p>1 0–29%</p>					<p>3–4</p>	<p>1–3½</p>	<p>0–3</p>

IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI LWENOVELI NEDRAMA
Qaphela umahluko wamanqaku abelwe umxholo nalawoabelwe isakhiwo nolwimi.

IIKHOWUDI NOLWABIWO-MANQAKU		UMXHOLO [15] Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.	ULWABIWO -MANQAKU	ISAKHIWO NOLWIMI [10] Isakhiwo sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.
Ikhawudi 7 80–100%	Kuqwesile 12–15 amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko). Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ubonakalisa ulwazi oluphuhlileyo lwale jenri netekisi.	Kuqwesile 8–10 amanqaku	Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliswe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye zigqwesile.
Ikhawudi 6 70–79%	Kuphakamile 10½–11½ amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kumhobe. Ulwazi lwejenri nomhobe luyancomeka kakhulu.	Kuphakamile 7–7½ amanqaku	Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandelega lula. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo sihle.
Ikhawudi 5 60–69%	Kuphakathi 9–10 amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo. Ulwazi lwejenri nomhobe luyabonakala.	Kuphakathi 6–6½ amanqaku	Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.
Ikhawudi 4 50–59%	Kuyanelisa 7½–8½ amanqaku	Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri netekisi.	Kuyanelisa 5–5½ amanqaku	Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelanayo. Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhawudi 3 40–49%	Kuzamekile 6–7 amanqaku	Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri netekisi.	Kuzamekile 4–4½ amanqaku	Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo Imihlathi ixazalala.

Ikhawudi 2 30–39%	Kunzima 4½–5½ amanqaku	Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphindwa – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. Akukho zimvo ziphuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa kumhobe. Akanalo tu ulwazi lwale jenri netekisi.	Kunzima 3–3½ amanqaku	Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala.
Ikhawudi 1 0–29%	Akaphumelelanga 0–4 amanqaku	Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kumhobe. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri.	Akaphumelelanga 0–2½ amanqaku	Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Uwimi lufe amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. Ayikho imihlathi nothungelwano.